



# basic education

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)**

**IPHEPHA LESIBINI (P2)**

**NOVEMBA 2015**

**IMEMORANDAM**

**AMANQAKU: 80**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2015 -11- 22
PRIVATE BAG X 110 PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

**Le memorandam inamaphepha ali-16.**

*H.M. MATSHINGANA*  
*[Signature]*  
24/11/2015

*X. N. NJABA*  
*[Signature]*  
24/11/2015

*P.P. MASHUDE*  
*[Signature]*  
24/11/15  
Tyhila iphepha

Akuyumelekanga ukufotokopa eli phepha

Le memorandum mayisetyenziswe kunye neerubriki ezisukela kwiphepha le-14 ukuya kwele-16 lale memo.

**ICANDELO A: IZINCOKO**

**UMBUZO 1**

**Imiyalelo yokumakisha**

- Kulindeleke ukuba umviwa abhale ngesihloko esinye kuphela.
- Imixholo ekhankanyiweyo isisikhokelo sendlela ezinokutolikwa ngayo izihloko ngabafundi. Imixholo abanokubhala phantsi kwayo kwisincoko ngasinye ihambelana nombuzwana ngamnye.
- Umfundi otolike ngendlela engabhalwanga apha ehambelanayo nesihloko makanikwe amanqaku akhe azeleyo.
- Isincoko masibe namagama angama-150-180 ubude. (Umxholo kuphela) Mawangabalwa amagama esihloko xa kubalwa amagama.
- Makangohlwaywa umfundi obhale isincoko esilolunye udidi ngaphandle kwesibalisayo/esichazayo.
- Sebenzisa irubriki yeCandelo A enamanqaku angama-40 ukumakisha izincoko.

Le fomathi yezincoko sisikhokelo kuphela, abafundi bakushiyselana ngokwamaqondo abo abafikelela kuwo.

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION  
 2015 -11- 22  
 Private Bag 5110  
 PRETORIA 0001

Isincoko	Isakhiwo setekisi	Iimpawu zolwimi
Esibalisayo	Sinentshayeleyo. Iziganeko. Isiphelo.	Singabhalwa kumntu wokuqala okanye wesithathu. Sisebenzisa ixesha eladlulayo okanye elidlulileyo. Iziganeko zibaliswa/zichazwe ngokulandelelana. Sisebenzisa izidibanisi ezibonisa ixesha/ ukulandelelana kweziganeko. Abalinganiswa bangenziwa bazithethele. Sisebenzisa ulwimi oludala ifuthe njengezihlomelo, izichazi, izifanekisozwi, imifanekiso-ntelekelelo.
Esichazayo	Sinentshayeleyo. Iziganeko. Isiphelo.	Sichaza into, umntu, indawo, imeko njalo njalo. Singabhalwa kwixesha elidlulileyo okanye elangoku. Sisebenzisa amagama okudala umfanekiso. Sisebenzisa izichazi, izihlomelo. Sisebenzisa imifanekiso-ntelekelelo, izafobe eziqhelekileyo.

Am

XN

AP

1.1 Mhla ndanceda amapolisa ekubambeni amasela.

Angabhala isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kungalindeleka ukuba umfundi abhale ngoku kulandelayo:

- Ngemini awanceda ngayo amapolisa.
- Iminqweno yakhe malunga nobusela.
- Izinto ezakhokelela ekubanjweni/ekuchaphazelekeni kwakhe.
- Indawo obenzeke kuyo ubusela.
- Indlela obenzeke ngayo ubusela.
- Indlela abanjwe ngayo amasela.
- Indlela yena awancede ngayo amapolisa.
- Isiphumo soncedo lwakhe ekubanjweni kwala masela.

(Umfundi angabhala nangezinye izinto ngokuphathelele kwindlela ancedise ngayo amapolisa ekubambeni amasela.)

[40]

**OKANYE**

1.2 Ukuba nguMphathiswa weZempilo kwilizwe loMzantsi Afrika.

Angabhala isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kungalindeleka ukuba umfundi abhale ngendima yoMphathiswa weZempilo.


UMZEKELO:

- Iingxaki zezempilo eMzantsi Afrika.
- Izidingo zeSebe lezeMpilo.
- Imingeni elijongene nayo iSebe lezeMpilo/Imingeni ajongene nayo ongumphathiswa.
- Izicwangciso ngokuphathelele ekuphuculeni imeko yezempilo eMzantsi Afrika.
- Angabalisa ngokwakhe okwehlela uMphathiswa wesebe lezeMpilo eMzantsi Afrika.

(Umfundi angabhala nangezinye izinto ngokuphathelele kwindima edlalwe nguMphathiswa wezeMpilo ekuphuculeni imeko yezempilo eMzantsi Afrika.)

[40]

**OKANYE**



*Am*

X-N

*AP*

1.3 Izinto endicinga ukuba zibalulekile ebomini.

Angabhala isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kungalindeleka ukuba umfundi abhale ngoku kulandelayo:

- Ukunika inkcazo yezi zinto azibona zibalulekile ebomini.
- Indlela ezibaluleke ngayo ezi zinto.
- Uncedo lwazo ebomini bomntu naseluntwini ngokubanzi.
- Iimpawu zezi zinto zibalulekileyo ebomini.

(Umfundi angabhala nangantoni r.a ngokuphathelele kwizinto acinga ukuba zibalulekile ebomini.)

[40]

**OKANYE**

1.4 Izinto endifuna ukuzenza emva kokuphumelela ibanga leMatriki.

Angabhala isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kungalindeleka ukuba umfundi abhale ngoku kulandelayo:

- Ixesha aza kuliphumelela ngalo ibanga leMatriki.
- Inkcazo ngale nto aza kuyenza emva kokuphumelela iMatriki.
- Iimpawu zale nto aza kuyenza.
- Ukubaluleka kwale nto aza kuyenza kubomi bakhe nakuluntu.
- Izinto azidingayo ukuze akwazi ukwenza le nto ayinqwenelayo.

(Umfundi angabhala nangezinye izinto ngokuphathelele kwinto aza kuyenza emva kokuphumelela kwakhe iMatriki.)

[40]

**OKANYE**


1.5 1.5.1 Makasinike isihloko esifanelekileyo isincoko sakhe.

Angabhala isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kungalindeleka ukuba umfundi awutolike ngokohlobo awubona ngalo lo mfanekiso.

UMZEKELO:

- Ubomi basefama.
- Izilwanyana.
- Ukulima.
- Izixhobo zokulima.
- Uqoqosho lwasefama.
- Izinto zokuzonwabisa efama.



[40]

**OKANYE**

*Hm*

*X-N.*

*JP*

1.5.2 Makasinike isihloko esifanelekileyo isincoko sakhe.

Angabhala isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kungalindeleka ukuba umfundi awutolike ngokohlobo awubona ngalo lo mfanekiso.

UMZEKELO:

- Amaqhawe ezopolitiko.
- Amaqhawe enkululeko.
- Uxolelaniso.
- Indima yala maqhawe kuMzantsi Afrika omtsha.
- Imbasa yoxolo iNobel Peace Prize.
- Uvakalelo lwakhe ngala maqhawe.

[40]

OKANYE

1.5.3 Makasinike isihloko esifanelekileyo isincoko sakhe.

Angabhala isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kungalindeleka ukuba umfundi awutolike ngokohlobo awubona ngalo lo mfanekiso.


UMZEKELO:

- Intsingiselo yobuhlobo.
- Ubuhlobo benene bubuhlobo obunjani?
- Ukubaluleka kobuhlobo ebomini.
- Indlela yokuqinisa ubuhlobo benene.

(Umfundi angabhala nangezinye izinto ngokuphathelele kubuhlobo benene.)

[40]

OKANYE



1.5.4 Makasinike isihloko esifanelekileyo isincoko sakhe.

Angabhala isincoko esibalisayo/esichazayo.


Kungalindeleka ukuba umfundi awutolike ngokohlobo awubona ngalo lo mfanekiso.

UMZEKELO:

- Imali yoMzantsi Afrika.
- Ixabiso lemali yoMzantsi Afrika.
- Iimpawu zemali yoMzantsi Afrika.
- Ukufakwa kobuso bukaMandela kwimali yoMzantsi Afrika.
- Ukubaluleka kwemali ebomini.
- Uvakalelo ngokungabi namali.
- Ukuba nemali eninzi.
- Ubungozi bemali.

[40]

AMANQAKU ECANDELO A: 40



*Hm*

*X-N.*

*JP*




2.2 ILETA ESESIKWENI

<p>UMXHOLO, UKUCWANGCISA, NEFOMATHI                      12 AMANQAKU</p>	<p>ULWIMI, ISIMBO,                      NOKUHLELA                      8 AMANQAKU</p>
<p><u>Ifomathi</u></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• lidilesi zimbini, yeyomfundi neyenqununu.</li> <li>• Eyombhali idilesi iphela ngomhla.</li> <li>• Inesibuliso esisesikweni.</li> <li>• Inesihloko esandlala injongo yesikhalazo.</li> <li>• Inesiphelo emva kwesiqu.</li> <li>• Inentsayino-gama kunye negama lalowo ukhalazayo.</li> </ul> <p><u>Umxholo</u></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Mayibhalelwe umanejala wes.bhedlele.</li> <li>• Amagama angama-60–80.</li> <li>• Imfutshane, iyaqupha ihleli emxholweni – iyakhalaza ngempatheko-mbi yomzali.</li> <li>• Isakhiwo somyalezo masibe nemihlathi, umzekelo: Makayichaze ngqo le ndlela ebephehwe kakubi ngayo umzali.</li> <li>• Achaze ukuba sisiphi esi sibhedlele.</li> <li>• Imizekelo yempatho-mbi eyenziwe kumzali wakhe.</li> <li>• Uvakalelo lwakhe novakalelo lo mzali kule meko.</li> <li>• Iimbono zakhe malunga nempatho entle emele kukufunyanwa zizigulane esibhedlele.</li> <li>• Umfundi angabhala nangantoni na emalunga nempatho-mbi esibhedlele.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Makusetyenziswe ithoni nerejista esesikweni.</li> <li>• Icacile, imfutshane ulwimi luthe ngqo.</li> <li>• Sebenzisa imiqaqo yolwimi, umzekelo: <i>Mhlekezazi/Nkosikazi, Ozithobileyo.</i></li> </ul>

[20]

OKANYE



*Handwritten signature*

*X.N.*

*Handwritten signature*




2.3 ILETA YOBUHLOBO

<p>UMXHOLO, UKUCWANGCISA, NEFOMATHI 12 AMANQAKU</p>	<p>ULWIMI, ISIMBO, NOKUHLELA 8 AMANQAKU</p>
<p><u>Ifomathi</u></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Idilesi INYE YEYOMBHALI.</li> <li>• Eyombhali idilesi iphela ngomhla.</li> <li>• Inesibuliso.</li> <li>• Isakhiwo somyalezo sihambelana neleta yesicelo.</li> <li>• Inesiphelo emva kwesiqu.</li> </ul> <p><u>Umxholo</u></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Mayibhalelwe umhlobo wombhali.</li> <li>• Amagama angama-60-80 kuphela.</li> <li>• Imfutshane, iyaqupha ihleli emxholweni.</li> <li>• Isakhiwo somyalezo masibe nemihlathi, umzekelo: Makachaze indlela afuna ukuncediswa ngayo ngumhlobo wakhe.</li> <li>• Abonise indlela abaza kuwenza ngayo amalungiselelo etheko.</li> <li>• Amazwi okucela uncedo akhatshwa kukuzithoba nokucenga kulo mhlobo wakhe.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Iimpawu zolwimi mazihambelane nenjongo yokucela uncedo.</li> <li>• Makusetyenziswe ithoni nerejista ebonisa ubudala balo mntu ubhalelwayo.</li> <li>• Izivakalisi ezipheleleyo.</li> </ul>

[20]

OKANYE



*Handwritten signature*

*X-N*


*Handwritten signature*

2.4 **INGXOXO YABABINI**

<b>UMXHOLO, UKUCWANGCISA, NEFOMATHI</b> <b>12 AMANQAKU</b>	<b>ULWIMI, ISIMBO, NOKUHLELA</b> <b>8 AMANQAKU</b>
<p><u>Ifomathi</u></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Kuboniswa izithethi nenjongo yazo yokuthetha phambi kokuba ziqale ukuthetha.</li> <li>• Xa sele iqhuba ingxoxo, amagama ezithethi abhalwe ekhohlo alandelwa yikholon rhoqo emva kwegama lesithethi.</li> <li>• Inentetho nempendulo.</li> <li>• Isithethi ngasinye siqala ukuthetha kumgca omtsha.</li> <li>• Izibiyeli zisetyenziswa ukubonisa iingcinga nentshukumo yesithethi phambi kokuba zithethe umzekelo, (ancume).</li> <li>• Akuvumelekanga ukungaphenduli.</li> </ul> <p><u>Umxholo</u></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukukhula kwengxoxo ingemi ndawonye.</li> <li>• Ukunyukela kweengcinga.</li> <li>• Kungabikho mpendulo zingoo-ewe noohayi kuphela.</li> <li>• Basenokucebisana okanye babonisane elowo eqhuba echasene okanye exhasa nolomnye uluvo.</li> <li>• Umfundi angabhala nangantoni na malunga nencoko yabahlobo ngokuphathelele kwimisebenzi abafuna ukuyenza ukugqiba kwabo ukufunda.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Bakhululekile bathetha bengabantu abalinganayo.</li> <li>• Basebenzisa ixesha langoku.</li> <li>• Ulwimi alunabukrwada.</li> <li>• Ulwimi lubonisa uvakalelo.</li> </ul>

[20]

**AMANQAKU ECANDELO B: 20**



X.N.

**ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE**

**UMBUZO 3**

**Imiyalelo yokumakisha**

- Kulindeleke ukuba umfundi abhale ngesihloko esinye kuphela.
- Umhlathi omfutshane mawube namagama angama-40-60 ubude. (Umxholo kuphela)
- Imifanekiso nemibala esetyenzisiweyo ayinamanqaku.
- Sebenzisa irubriki enamanqaku angama-20 ukumakisha eli candelo.
- **QAPHELA:**  
Zininzi iifomathi ezisemthethweni ezisetyenziswayo malunga nomhlathi ngamnye, ngoko ke abafundi bangadlelelwa ngenxa yefomathi ekungavisiswana ngayo. Makuzanywe ukuba wonke ubani azazi ezi fomathi.

**3.1 IMIYALELO**

<p><b>UMXHOLO, UKUCWANGCISA, NEFOMATHI</b></p> <p><b>12 AMANQAKU</b></p>	<p><b>ULWIMI, ISIMBO, NOKUHLELA</b></p> <p><b>8 AMANQAKU</b></p>
<p><u>Ifomathi</u></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Mayibhalwe ngokwamanqaku.</li> <li>• Amanyathelo alandelelaniswe kakuhle.</li> </ul> <p><u>Umxholo</u></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Inkcazelo ngendlela yokwenza isuphu.</li> <li>• Amanyathelo alandelelaniswe kakuhle ukufezekisa ukwenziwa kwesuphu ngokuchanekileyo.</li> <li>• Inokukhatshwa yitekisi ebonwayo nangona ingenamanqaku.</li> <li>• Thetha ngezixhobo nezithako ezifunekayo ekwenzeni le suphu.</li> <li>• Nqunqa iminqathe netswele.</li> <li>• Fudumeza i-olive oil epanini.</li> <li>• Galela itswele elinqunqiweyo uze uliqhotse lide lithambe.</li> <li>• Galela iminqathe, ii-ertyisi nesosi yetumato.</li> <li>• Galela isinongo semifuno uze uqalise ukupheka.</li> <li>• Galela uze uphake isuphu yakho kwizityana.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Bhala kwisiyaleli.</li> <li>• Ubeka amanqaku ngokulandelelana kwawo.</li> <li>• Usebenzisa amanani neembumbulwana eziziingongoma ukubonisa ucwangco.</li> </ul> <div data-bbox="1053 1545 1516 1859" style="text-align: right;"> <p>DEPARTMENT OF EDUCATION 2015-11-22 PRETORIA</p> </div>

[20]

**OKANYE**

X-N


PP

3.2 UNGENISO KWIDAYARI

<p><b>UMXHOLO, UKUCWANGCISA, NEFOMATHI</b></p> <p><b>12 AMANQAKU</b></p>	<p><b>ULWIMI, ISIMBO, NOKUHLELA</b></p> <p><b>8 AMANQAKU</b></p>
<p><u>Ifomathi</u></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ubhala amava akho buqu.</li> <li>• Amava alandelelaniswe kakuhle.</li> </ul> <p><u>Umxholo</u></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Izingeniso zedayari ezibhaliweyo zeveki/ zemihla ngemihla.</li> <li>• Izingeniso mazibhalwe umhla.</li> <li>• Indawo otyelele kuyo.</li> <li>• Imeko yokuhlala kule ndawo atyelele kuyo.</li> <li>• Izinto azithandileyo okanye aziqapheleyo kule ndawo.</li> <li>• Isimo sabantu bale ndawo.</li> <li>• Uvakalelo lwakhe malunga nentlalo yabantu kule ndawo.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Sebenzisa ixesha elidlulileyo elibhaliweyo.</li> <li>• Ibhalwa ngokungekho sesikweni.</li> <li>• Umbhali uyazibhalela.</li> </ul>

[20]

OKANYE



*Handwritten signature*

*X-N*


*Handwritten signature*

3.3 IFLAYA

<p><b>UMXHOLO, UKUCWANGCISA, NEFOMATHI</b></p> <p><b>12 AMANQAKU</b></p>	<p><b>ULWIMI, ISIMBO, NOKUHLELA</b></p> <p><b>8 AMANQAKU</b></p>
<p><u>Ifomathi</u></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Isayizi encinane, umzekelo iphepha elingu-A5.</li> <li>• Isihloko esitsala umdla, isilogani okanye ilogo.</li> <li>• Inemilo ebonakalayo yolwimi.</li> <li>• lifonti ezahlukeyo.</li> </ul> <p><u>Umxholo</u></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• linkcukacha ngezinto ezithengiswa kwivenkilana yesikolo.</li> <li>• Inkcazo emfutshane ngezinto ezithengiswayo.</li> <li>• Chaza amaxabiso aphantsi neendidi zezinto ezithengiswayo.</li> <li>• Ixesha lokuvula nelokuvala ivenkilana.</li> <li>• linkcukacha zonxibelelwano zale venkilana.</li> <li>• Umfundi angabandakanya nantoni na malunga nezinto ezithengiswayo evenkileni yesikolo sakhe.</li> <li>• Inokukhatshwa yitekisi ebonwayo nangona ingenamanqaku.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ithetha kanye nomfundi lowo.</li> <li>• Ulwimi olusetyenzisiweyo lucacile.</li> <li>• Ulwimi olusetyenzisiweyo ludala ifuthe kumfundi, umzekelo: Izihlomelo, izichazi, izafobe njengemfanozandi, isikweko.</li> </ul>

[20]

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**  
**AMANQAKU EWONKE: 80**



*[Handwritten signature]*


*[Handwritten signature]*

*[Handwritten signature]*

**QAPHELA:**

- Sebenzisa le rubriki rhoqo xa umakisha isincoko (Iphepha 2, ICANDELO A).
- Amanqaku phakathi kwe-0–40 ahlulwe ngokwamanqanaba amahlanu.
- AmaBINI okuqala kula manqanaba azizahlulo ngokomgangatho ongentla nongezantsi kwaza kwabekwa amanqaku ahambelana nale migangatho.

Ikhrayitheriya	Balaseleyo	Enobuchule	Phakathi	Buthathaka	Bubhetyebhetye
<b>UMXHOLO NOCWANGCISO</b> (Impendulo nezimvo) Ukubekelela izimvo ngenjongo yokucwangcisa Ukubonakalisa ukuyazi injongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko	<b>22–24</b> -Impendulo ebalaseleyo enomtsalane, ngaphaya kobekulindlelekile -Izimvo zihlakaniphile, zixhokonxa iingcinga kwaye zinemfezeko -Isincoko sibekelwe ngobuchule obungaqhelekanga kwaye intshayelelo, isiqu kwakunye nesiphelo zibonakalisa unamathelwano olunemfezeko	<b>18</b> -Impendulo ixonxwe ngobugcisa obukhulu -Izimvo zinxulumene nomxholo kwaye zinika umdla, bukho ubungqina bemfezeko kwizimvo -lingcamango zibekelwe obungaqhelekanga kwaye intshayelelo, isiqu kwakunye nesiphelo zibonakalisa unamathelwano olunemfezeko	<b>12–16</b> -Impendulo iyanelisa ngokupheleleyo -Izimvo ziyanamathelana noko kwaye zingakuguquka ukucinga kofundayo -lingcamango zibekelwe ngokunamatheleneyo kuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo	<b>7–11</b> -Impendulo ingena iphuma emxholweni akukho lunamathelwano kwizimvo -Izimvo azicacanga kwaye ezinye zazo zezemboleko -Buncinci kakhulu ubungqina bobekelwe nonamathelwano lweengcamango	<b>0–6</b> -Impendulo ayikho mxholweni konke konke -Izimvo zibordene azigqalanga ntweni -Azivakali izimvo kwaye ziyaphindaphindwa/ uthetha into enye -lingcamango zibekwe xazalala azinalunxibelelwano
	<b>19–21</b> -Impendulo encamisileyo kodwa akukho zimpawu zakubalasele kubhekele phi kwisincoko -Izimvo zivuthiwe zixhokonxa iingcinga -lingcamango zibekelwe zandandaniswa ngobugcisa kuquka intshayelelo, isiqu kunye nesiphelo	<b>17</b> -Impendulo ixonxwe ngobugcisa -Izimvo zisemxholweni kwaye zinika umdla -Sibekelwe ngobuchule, kukho ukunamathelana kweengcamango okuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo	<b>Ungangatho ongentla</b>	<b>Ungangatho ongezantsi</b>	



Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

*KN*

Tyhila iphepha


*JP*

*KN*

*JP*

**IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO – ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO [40 AMANQAKU] (isakhutywa)**

Ikhrayitheriya	Balaseleyo	Enobuchule	Phakathi	Buthathaka	Bubhetyebhetye
<b>ULWIMI, ISIMBO &amp; NOKUHLELA</b> Ukuhambelana kwethoni, irejista, isimbo, isigama kunye nemeko Ukhetho-magama Ukusetyenziswa kolwimi nesigama limpawu zobhalo, izakhi zezivakalisi, nopelo	<b>10-12</b> -Ulwimi lugwesile nezafoke zisetyenziswe ngethoni ephumeza ukudlulisa umyalezo -Phantse kube akukho nasinye isiphene solwakhiwo zivakalisi, upelo nesokusetyenziswa kolwimi -Sixonxwe ngobugcisa obukhulu	<b>8-9</b> -Ulwimi lunomtsalane kwaye luyaziphumeza iinjongo zokubhala -Ithoni ifanelekile kwaye iyaziphumeza iinjongo zokubhala -Zimbalwa iziphene zezakhi zezivakalisi kunye nopelo -Sixonxwe ngobugcisa	<b>6-7</b> -Kuyanelisa ukusetyenziswa kolwimi kodwa kunamakhwiniba angephi -Ithoni ifanelekile kodwa ubambe isandla ekusebenziseni izafobe zentetho	<b>4-5</b> -Ukusetyenziswa kolwimi kubonisa ububhetyebhetye -Izivakalisi zinobuthathaka-azitshintshwa-tshintshwa -Isigama sinqongophele ngokubalaseleyo	<b>0-3</b> -Ulwimi aluvakali -Ukunqongophala kwesigama kubaxekile kangangokuba ayinasihlahla into ebhaliweyo
<b>12 AMANQAKU</b>	<b>4</b>	<b>3</b>	<b>2</b>	<b>1</b>	<b>0</b>
<b>ISAKHIWO</b> limpawu zetekisi Ukukhula kwemihlathi nokwakiwa kwezivakalisi	-Isihloko sikhuliswe ngokuncamisayo -linkcukacha zibalasele ngokungaqhelekanga -Izivakalisi, imihlathi zakhiwe zaqiqisiswa ngokugqwesileyo	-linkcukacha ezinengqiqo zikhuliswe ngokwakhelana -Izimvo zinamathelene -Izivakalisi, imihlathi zitshintshatshintshwa ngobuchule obugqiqisiweyo	-linkcukacha ezisemxholweni zikhuliswe -Izivakalisi, imihlathi zakhiwe kuhle -Isincoko sibunjwe ngengqiqo	-Zikho iingcamango ezamkelekiweyo -Isakhiwo sezivakalisi nesemihlathi sinamakhwiniba -Isincoko sisenayo ingqiqo	-Iingcamango ezifunekayo zinqongophele -Isakhiwo sezivakalisi nesemihlathi sigxoko-gxoko -Isincoko asinangqiqo
<b>4 AMANQAKU</b> <b>UMMANDLA</b> <b>WAMANQAKU</b>	<b>33-40</b>	<b>28-30</b>	<b>20-25</b>	<b>12-17</b>	<b>0-9</b>



XAN

*[Handwritten signature]*

**IRUBRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHI EMIDE NEMIFUTSHANE – ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO [20 AMANQAKU]**

Ikhrayitheriya	Balaseleyo 10–12	Enobuchule 8–9	Phakathi 6–7	Buthathaka 4–5	Bubhetyebhetye 0–3
<b>UMXHOLO , UCWANGCISO NEFOMATHI</b>  Ukungqala kwempendulo nezimvo Ukuqoqwa kwezimvo ngenjongo yokucwangcisa Injongo yokubhala, abo kujoliswe kubo, impawu/imigaqo yetekisi, kunye nemeko	-Impendulo igqwesile ibonisa ukuqiqisiswa kwezimvo -Izimvo zihlakaniphile kwaye zivuthiwe -Luphangalele ulwazi lweempawu zolu didi lwetekisi -Umsebenzi ungqalile akukho kugqwidiza -Kubonakala ukunamathelana kwizimvo normxholo -lingcamango zidakancwe ngobunono kwaye zonke iinkcukacha zixhasa isihloko -Ifomathi ifanelekile kwaye ichanekile	-Impendulo ibonakalisa ukuchaneka kanobom ulwazi olunzulu lweempawu zolu didi lwetekisi -Ingqalile ayiphumi nasemxholweni -Izimvo zixonxwe zadakancwa ngokunamatheleneyo kumxholo nezimvo -Iinkcukacha zixhasa isihloko -Ifomathi ingqalile iindawana ezikhoyo ezingachanekanga aziyiphazamisi injongo yokubhala	-Impendulo iyanelisa ibonakalisa ulwazi lweempawu zolu didi lwetekisi -Izimvo azisoloko zisemxholweni kwaye kukho nokugqwidiza -Ukunamathelana kumxholo nezimvo kwenzeka ngokufanelekileyo -Ezinye iinkcukacha zixhasa isihloko -Ifomathi ingqalile kodwa zikho iindawana ezingachanekanga	-Kubonakala ubunzima malunga nolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi -Zimbatwa izimvo ezisemxholweni kodwa kuninzi ukuphuma ecaleni -Kunqabile ukunamathelana kumxholo nezimvo -Zimbatwa iinkcukacha ezixhasa isihloko -Imigaqo yefomathi ephambili ityeshelwe okanye isetyenziswe ngokungaqondi	-Impendulo ibonakalisa ukunqongophala kolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi -Intsingiselo ilahleka rhoqo kukho intsingiselo eduke kwisakhiwo esixazalala -Akukho ukunamathelana kumxholo nezimvo -Zimbatwa kakhulu iinkcukacha ezixhasa isihloko -Imigaqo eyimfuneko yobhalo lwale tekisi ityeshelwe
<b>12 AMANQAKU</b>					
<b>ULWIMI ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA</b>  Ithoni, irejista, isimbo, injongo/ifuthe, abo kujoliswe kubo kunye nemeko Ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo Uchongo magama limpawu zokubhala kunye nopelo	<b>7–8</b> -Ithoni, irejista, isimbo, isigama zifanelene kakhulu nenjongo, abo kujoliswe kubo kunye nemeko -Izakhi zezivakalisi zisetenziswe ngokuchanekileyo -Phantse kube akukho nasinye isiphene	<b>5–6</b> -Ithoni, irejista, isimbo, nesigama sifanelene kakhulu nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko -Izakhi zezivakalisi zichanekile kwaye umyalezo wakheke kakuhle -Isigama sichanekile -Ubukhulu becala azikho iimpazamo	<b>4</b> -Ithoni, irejista, isimbo, isigama sifanelene nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kwakunye nemeko -Izakhi zezivakalisi zibonakalisa iimposiso -Isigama siyanelisa -Iimpazamo zobhalo ezikhoyo ziyiphazamisi intsingiselo	<b>3</b> -Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azifanelananga nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko -Izakhi zezivakalisi zineemposiso ezininzi eziphazamisa umyalezo -Sinqongophele isigama -Kukho amingxi-gingxi kwintsingiselo	<b>0–2</b> -Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azifanelananga nenjongo, imeko kwakunye nabantu ekujoliswe kubo -Izele ziimpazamo ixazalala iyadida -Isigama asihambelani nenjongo -Intsingiselo ilahlekile kakhulu
<b>8 AMANQAKU UMMANDLA WAMANQAKU</b>	<b>17–20</b>	<b>13–15</b>	<b>10–11</b>	<b>7–8</b>	<b>0–5</b>

DEPARTMENT OF  
EDUCATION  
2015, 11-22

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

X-N.


P





**basic education**  
 Department:  
 Basic Education  
 REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

2015 NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION  
 TOLERANCE RANGE



DATE	24/11/2015													
SUBJECT	ISIXHOSA SAL												PAPER	2
QUESTION NUMBER	Q1	Q2	Q3	Q4	Q5	Q6	Q7	Q8	Q9	Q10	Q11	Q12	Q13	
QUESTION TOTAL	40	20	20											
FINAL TOLERANCE RANGE PER QUESTION														
(Indicate sub-question or item level where TR is applied)														
FINAL TOLERANCE RANGE FOR QUESTION PAPER	Three sections - 3 questions - 1 from each section,												TOTAL MARKS	80
SIGNED OFF BY UMALUSI	DATE: 24/11/2015						SIGNED OFF BY DBE						DATE: 24/11/2015	
							[Signature]							